# Emva ! Kumasiko Andulo ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Hai usizi ! Kwizwe lenu Nontsizi
Ezinto wena zisibanga intsizi,
Zisikumbuza imihla yemigqwet'o
Eyaya mbatwa ngo bawo o-Mgqwet'o

Masibhange izitixo zezolo
Amasiko azo akupa umx'elo,
Ngenxa yawo asizazi nenqu zetu
Nezikulu zetu zonke zati qutu.

Namhlanje ubuninzi babantsundu
Bahlukana namasiko kwamzuzu
Bagalele mzini atshona awabo
Mhla kwakushushu Ilanga lehlobo.

Bhekisa ubuso bako Ezintabeni
Uprofetele kuso nawe kwedini
Sikuni abasiteza besoyika
Mfondini wotutu lwakud' e Afrika.

Lila Afrika ! Ekumbini lentaba
Ushukume umzi zihambe indaba
Nempungutye yanyisa amatole ayo
Abake ? Bate dwe ? Ubabonayo ?

Kukumbule Yehova okusihleleyo
Lila uini ! Afrika etyeshileyo
Intshutshiso ipezu kwentamo yako
Wakhumeka ! Ngqangi engenampiko.

Walahla ubuk'osi walahl' izitembu
Imbola nasiko kanye kuba Tembu
Lemitshato ngoku iyeyamanina
Imanywa, iqaulwa kwakumlambo pina

Singab' onxazonke abangena eala
No Tixo akasazi sife nam cala
Moa andifuni ukunikohlisa
Kanene ama Xosa niti ayakohlisa.

Hlaziya Yehova imihla yetu
Nje ngokwamandulo ko bawo betu
Ingabi usicekise mpela na ?
Kayakulu lilumlela abantwana.

Naku siyabona sesingamanqina
Xa ngaba kunjalo kup' ukw lamana
Konyana nentombi zetu silohlanga
Lwezizw' Ezintsundu ngapantsi kwe [langa.

Izililo ! Xa ndilapo makowetu
Ningetuki nganicinge ngezwe letu
Ekwazini nabhangana nati shwaka
Kwa nemisebenzi yonke kwati shwaka

Yenza nje ngendoda " Konya Izililo "
Uvuke usiwa guqa nangedolo
Uye kwezo mini ulilela zona
Ukuba ngazo ke watin' u Ntsikana
Wod'uve ! !